Isixhosa First Language HG P1 **November 2007**

Iphepha belifikeleleka lisemgangathweni phantse kuye wonke umfundi. Izicatshulwa bezilandeleka kuba bezichaphazela izinto abaqhele ukudibana nazo mihla le. Zibuzwe ngendlela ecacileyo. Ubude bemihlathana bebungabadini abafundi.

Umbuzo 1(a) isicatshulwa besingomdlalo uTsotsi owathi wazisa indumasi eMzantsi Afrika. Kwixesha elizayo xa kufunwa isihloko mabaqingqelwe inani lamagama amabangadluli kulo, kuba abanye bebenika isihloko esinesivakalisi eside. Uninzi lwabafundi lwaluwubukele lo mdlalo lwaza alwaxhomekeka kwisicatshulwa. Loo nto idizwe yindlela uninzi oluphendule ngayo kumbuzo 1.9. Nangona **umyalelo** ubhalwe ngqindilili, usithi mabaphendule **ngokubhekiselele kwisicatshulwa,** baye baphakula kanobom kuvimba wolwazi lwabo ngomdlalo uTsotsi. Iyavuyisa incomeka into yokuba bekwazi okuqhubekayo entlalweni, kodwa **kunyanzelekile** ukuba baphendule nawuphi na umbuzo ngokulandela imiyalelo.

Ootitshala mababafundise indlela yokuphendula isicatshulwa nokuqwalasela **imiyalelo.** Kumbuzo 1.4 obufuna amagama azizithetha-ntonye, bade bakhokelwa nomhlathi amabazijonge kuwo. Baninzi abafundi abawuchanileyo lo mbuzo, nangona kusekho iqaqobana elinike igama elinye, hayi **ama**gama amabini azizithetha-ntonye, abanye banika amanye amagama angekho kumhlathi abawunikiweyo.

Abanye abafundi abasifundisisi **isicatshulwa** phambi kokuba basiphendule baze babhala becima, batsho ngomsebenzi onyhuku-nyhuku nongalandelekiyo. Abanye bathi sebenike impendulo echanekileyo baphinde bayicime babhale impendulo engeyiyo. Umbuzo 1.11 ubunamanqaku amabini, kucacile ukuba zimbini izinto ezifunwayo. Bakhona abafundi ababetha ucingo xa bephendula, batsho baphulukana nelinye inqaku. Mabaqeqeshwe abafundi ukuba bawuphendule kakuhle umbuzo xa unamanqaku angaphezulu kwelinye. Umbuzo 1.12 ofuna isithetha-ntonye, abanye abafundi, banike intsingiselo. Mabafundiswe ukwahlula phakathi **kwesithetha-ntonye nentsingiselo,** igama **elikwathetha into enye nelo linikiweyo** ukanti **intsingiselo** ifuna **ingcaciso ephuhlileyo yegama elinikiweyo**.

Isicatshulwa 1(b)

Abafundi mabavavanywe kwimibuzo eliqela ekhethisayo, umbuzo 2.1 uninzi lwabo luze nempendulo echanekileyo. Inye into abayibhudayo **yimiyalelo**, nokuba seyibhalwe ngqindilili abanye abafundi abayinanzi. Kulo mbuzo kuthiwe mababhale **isimboli** kuphela, kodwa abanye babhale inombolo engekhoyo. Umz. impendulo echanekileyo ngu-C, babhale bona 3, abanye bakhuphela impendulo yonke eku-C. Bambi bayazibhidanisa iimpendulo, umz. kumbuzo 2.4 no 2.9 abanye abafundi impendulo ka 2.4 bayise ku 2.9, baze eka 2.9 bayisa ku 2.4.

Kumbuzo 2.9 kuthiwe mabanike esinye isizathu esingunobangela weengozi ezindleleni kodwa singekho kwisicatshulwa. Baninzi abafundi abalifumeneyo ela nqaku, kodwa igcuntswana likwakhethe kweziya zizathu zikwisicatshulwa. Kumbuzo 2.11 (a) ngumbuzo ovulekileyo apho umfundi kunyanzeleka ukuba impendulo ixhomekeke kwiimvakalelo zakhe. Kulo mbuzo kuthiwe mabazenze umantyi bagwebe umqhubi obulele abantwana ababini. Kukho uninzi oluthe lungamnika isigwebo sentambo, nangona apha eMzantsi Afrika isigwebo sentambo sapheliswayo. Kumbuzo 2.11 (b) mabazathuze ngokuphandle, nesizathu sabo sihambelane nesigwebo abasiwisayo. Bakhona abafundi abangalifumananga inqaku lesizathu kuba asihambelani nesigwebo abasiwisileyo. Kwizicatshulwa abazinika abafundi ebudeni bonyaka kunyanzelekekile ootitshala ukuba bangawushiyi umbuzo onempendulo exhomekeke kwizimvo zabo ukuze bayibone indlela yokuphendula lo mbuzo. Abanye abawuphendulanga umbuzo 2.11,.

USHWANKATHELO:

Kwiminyaka engaphambili bebenikwa iingongoma amabangqiyame ngazo xa beshwankathela. Kulo nyaka ka-2007 abakhange bakhokelwe ngemiba amabacangcathe kuyo. Bekulindeleke ukuba:

- Basebenzise awabo amagama xa bashwankathelayo
- Baliqaphele inani abaliqingqelweyo ukuba mabangadluli kulo
- Kumhlathi ngamnye babe nento abayishwankathelayo
- Bangaphinda-phindi xa beshwankathelo, umz. ukutya okungayi egazini, ukutya okunamafutha, okanye ukutya okungekho sempilweni kuthetha into enye yaye nokuba uzibhale zonke ufumana inqaku elinye.
- Abafundi bakwazi ukushwankathela
- Babhale ekugqibelelni inani lamagama abawasebenzisileyo.

QAPHELA: Abafundi mabaqeqeshwe ukwazi ukubala amagama abawasebenzisileyo, bawazi ahlulwayo nadityaniswayo. Mayibethelelwe into yokuba abafundi mabashwankathele umhlathi ngamnye. Kusekho abafundi abasaphikele ukunika izimvo zabo kuba besazi isihloko. Isakhono sokushwankathela sibalulekile kubafundi nakubomi babo bemihla ngemihla.

UMBUZO 4 (ULWIMI)

Lo mbuzo ngowona bebemele ukuqokelela amanqaku kuwo kodwa iyadanisa indlela abaphendula ngayo. Bayabhuda, bangayibhali imibuzo okanye bangayilandelelanisi njengoko ibhaliwe kwiphepha loviwo. Kumbuzo 4.1 ofuna iintsingiselo ezahlukeneyo zentloko, abanye bavubile xa bephendula nangona iimpendulo zabo zichanekile. Kumagama akrwelwe umgca ngaphantsi bekufuneka banike intsingiselo. Xa benika intsingselo abaphuhli ngokwaneleyo nangokukholisayo. Kwiphepha lesibini iintsingiselo nezafobe bazenza rhoqo, kodwa xa kufuneka benike iintsingiselo nezafobe kwiphepha lokuqala iba ngathi yinto entsha kubo. Abayifundi imiyalelo.

Abakwazi ukwahlula izigaba zentetho. Kumbuzo 4.5 bamele ukwakha isibizo esingasingiselanga mntwini, siqale ngesikhamiso u-i. Eza zenzi abanye bayazijika zibe zizenzi, umz: Bayahlutha- bathi ukuhlutha endaweni ye-intlutha. Behleba- bathi intlebi (ebhekiselele emntwini) endaweni ye-intlebendwano. Amaqhalo wona abawazi mpela, ligcuntswana labafundi abawufumanayo umbuzo wezaci namaqhalo. Nangona benzelwe lula bakhokelwa, kodwa loo nto ayikhange ibancede.

UMBUZO 5 (IGRAMA)

Eli candelo lelona candelo libayingxaki kubafundi kuba liquka zonke izigaba zentetho. Minyaka le abafundi abenzi kakuhle kwigrama njengoko bekulindelekile. Abafundi mabaqeqeshwe ebudeni bonyaka ukuba xa bephendula umbuzo ofuna izinto ezimbini nangaphezulu, mabaziqhelise ukuphendula ngokuzenzela itheyibhile, baze babeke izihlokwana zezo zinto zibuziweyo, umz.

Isimelabizo	Udidi	Indlela esisetyenziswe ngayo

Xa benokuphendula ngolu hlobo abangeze baphazame. Kuyadanisa ukufumanisa ukuba abanye nokuba kuthiwe isimelabizo esinye babhala amagama amaninzi abacinga ukuba zizimelabizo, ukwenzela ukuba kukhethwe elona lichanekileyo.

Kumbuzo 5.1 into ebabethayo uninzi lwabafundi **kwizimelabizo yindlela ezisetyenziswa ngayo**. Ootishala mabayibethelele ngakumbi indlela ezisetyenziswa ngayo izimelabizo, umz. sisenokuma sodwa endaweni yesibizo, singasetyenziswa phambi/emva kwesibizo, singasetyenziswa njengenjongosenzi, okanye sigxininise. Kukho abafundi abangawafumananga amanqaku ezixando zezenzi. Ininzi into ootitshala ekusafuneka beyenzile, bangathathi ukuba abafundi izinto bayazazi bebezifundisiwe kwibakala abasuka kulo. Kumbuzo 5.7 benze laa ngxaki ikwafana nombuzo 4.1 apho kungekho mibuzwana. Into ebebemele ukuyenza kukubhala impendulo echanekileyo, ukuqinisekisa ukuba basemxholweni bafakele kwizibiyeli ukuba impendulo yeyasiphi na isikhuzo, okanye kweyiphi ibloko.

UMBUZO 6

6.1 **Ingxelo-ntetho**

Basebaninzi abafundi abahlulwa kukubhala intetho ekwintetho-ngqo bayise kwingxelo-ntetho. Abanye basasebenzisa iimpawu zocaphulo. Bambi abawajiki onke amagama ekufuneka bewajikile. Banqabile abafundi abawaqokelele onke amanqaku kwingxelo-ntetho. Uninzi lwabafumene kakhulu bafumene amanqaku amane endaweni yesithandathu. Ootitshala mabayibethelele into yokuba **ixesha** libalulekile ukuba abafundi baliqwalasele xa bephendula umbuzo onengxelo-ntetho.

6.2 **Iziphene**

Abafundi abakwazi mpela **ukupela** amagama kwaye abawakrweli amagama njengoko bebeyalelwe. Amanye amagama bawalungisile kodwa abawakrwela. Enye into abayenzileyo bebelungisa amagama angamelanga kulungiswa bayeke la amele ukulungiswa. **Uhlulo-hlulo lwamagama** ootitshala mabalubethelele ngakumbi kubafundi. Kuyadanisa ukufumanisa ukuba kukho abangayaziyo into yokuba **igama lomntu liqala ngonobumba omkhulu**. Iziphene ootitshala bamele ukuzenza unyaka wonke. Kukho amaphepha-ndaba asimahla aphuma rhoqo ngooLwezine apha eNtshona-Koloni afana neVukani ne*City Vision*. Utitshala umele ukuwasebenzisa nokuba kukanye ngenyanga kuba akathengwa.

Angathatha umhlathi othile kuwo awuncamathisele ezincwadini zabo, bakhethe zonke iziphene, bakugqiba bazilungise. Ukuphelisa ukuqashisela bachaze ukuba kutheni le nto igama abalikhethileyo besithi sisiphene. Ukuba ootitshala bangasebenzisa la maphepha-ndaba bangatsho bakwazi abafundi ukulungisa iziphene.

6.3 Imo elandulayo

Kwimo elandulayo liyababetha kakhulu **ixesha**. Inkoliso yabo isebenzisa ixesha elidlulileyo, elibonakala ngo-**ile** kwimo evumayo, lize libe ngu-**anga** kwimo elandulayo. Basebenzise ixesha elidlulileyo kwisilandulo inkoliso yabo izilandulo zabo beziphela ngo-**anga.**